



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**SEPTEMBER 2013**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P3  
IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 100**

---

Le memorandam inamaphepha ali – 15.

---

**ICANDELO A: IZINCOKO****UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-340 ukuya kuma-390 kwisincoko ngasinye.

Kwisincoko ngasinye umfundi makabonise isakhiwo esifanelekileyo, umongo uyilo, isimbo nolwimi olufanelekileyo.

- 1.1 Uthi akungena utitshala wam egumbini lokufundela ndizive ndonwabe ngaphakathi, kuba uza kundifundisa esona sifundo ndisithandayo' Bhala isincoko uthethe ngesi sifundo usithandayo nezizathu zokuba usithande.

Isincoko esichazayo/esiqiqisayo/esibalisayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Achaze ngesi sifundo
- Izinto ezimonwabisayo ngesi sifundo
- Indlela afundisa ngayo isifundo utitshala
- Ubudlelwane bale titshala nabafundi
- Iziphumo zobudlelwane obuhle phakathi kotitshala nabafundi bakhe

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile).

**[50]**

- 1.2 Iminyhadala yee-Olimpiki esandula kubakho ivulela amathuba okugubhulula zonke iitalente zaseMzantsi Afrika.

Bhala isincoko ungqine okanye uphikise olu luvo.

Isincoko esichazayo/esibalisayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Angachaza ukuba yintoni ii-Olimpiki
- Angaveza amalungiselelo enziwayo phambi kwemidlalo yee-Olimpiki
- Ukufunyanwa kwabadlali abanezakhono kuzo zonke iimbombo zoMzantsi Afrika
- Ukuphuculwa kwamabala okudlala, nokuxhaswa kwezemidlalo

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile).

**[50]**

- 1.3 Nguphantsi phezulu iingcali zithi iziphumo zeMatriki zizibi nje eMpuma Koloni kungenxa yokuba abafundi bafunda ngolwimi lwasemzini olusisiNgesi.

Veza olwakho uluvo.

Isincoko esixoxayo/esigxeka-sincoma

**[50]**

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma:

- Ukubaluleka kokufunda ngolwimi lwenkobe
- Angaveza ukudlelelwa kwabafundi abantetho isisiXhosa abafunda ngezinye iilwimi.
- Angenza imizekelo yabafundi abaphumelelayo ngenxa yokuba befunda ngolwimi lwabo kuzo zonke izifundo eMpuma Koloni.
- Angaveza ukusilela kukarhulumente ekuphuhliseni isiXhosa.
- Ukunqongophala kwesigama nefuthe letekhnoloji.
- Angaveza iimbono eziphikisa olu luvo, ekhankanya abafundi abakwamanye amaPhondo abangafundi ngolwimi lwabo lwenkobe kodwa beneziphumo ezihle.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

- 1.4 Ndafunga ndamunc' iintupha loo mini ukuba umkhwa onjalo andinakuze ndiphinde ndiwenze.

Bhala isincoko ngalo mba.

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma:

- Abalise isiganeko esikhokelele kwesi sigqibo.
- Makakhankanye ukuba samchana njani esi siganeko.
- Makabalise isifundo asifumene kwesi siganeko.
- Makasibalisele ngako konke okwenzeka ngaloo mini.

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

**[50]**

- 1.5 Ukuthumela abafundi kwiinkampu zokufunda kulungiselelwa iimviwo zebanga leshumi elinambini kunganendima ekuphuculeni ukuphumelela kwabo.

Isincoko esixoxayo/esichazayo/esigxeka sincoma

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma:

- Imo yeziphumo zebanga leshumi elinambini jikelele
- Iinkqubo ezenziwa kwezi nkampu ezithe xhaxhe kwiinkqubo zezikolo
- Indima edlalwa ngabazali, abafundi, ootitshala norhulumente

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

**[50]**

- 1.6 Bhala isincoko esiphuhlisa le ntetho ithi, "Bezimuncu kakade".

Isincoko esibalisayo/esichazayo/esicamngcayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankathe kwezi ngongoma:

- Anike intsingiselo yeqhalo
- Aphuhlise okuqulethwe liqhalo
- Achaze okwenzekayo ukuze afikelele kule ntetho

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile.)

**[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/sigxeka sincoma/esiqiqisayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Ixesha leemviwo
- Ukubaluleka kokufundela iimviwo
- Indima edlalwa sisikolo, abazali nootitshala ekuxhaseni abafundi ukuze balungele iimviwo

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile).

[50]

### OKANYE

1.7.2 Isincoko esibalisayo/esichazayo/esixoxayo/sigxeka sincoma/esiqiqisayo

Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma:

- Ukubaluleka kokubakho kokhuphiswano lweengxoxo mpikiswano ezikolweni
- Amaxhala abakho xa uthetha phakathi kwabantu
- Ukuzithemba okungunozala wokuqheliswa ukuxoxa
- Ukubaluleka kwendima eyenziwa ngabachongi kukhuphiswano
- Amalungiselelo enziwa phambi kokhuphiswano

(Naziphi ezinye iimbono ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zamkelekile).

[50]

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE****UMBUZO 2**

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 ukuya kuma-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

**2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Umlingwa makaqaphele ezi zinto zilandelayo:

- Ineedilesi ezimbini(eyokuqala yeyombhali weleta, eyesibini yeyalo mntu ubhalelwayo.)
- Idilesi zilandelwa sisibuliso
- Isibuliso silandelwa ngumcimbi engawo incwadi
- Kulandela isiqu seleta
- Isiphelo esichanekileyo

**[30]****2.2 I-OBHITSHUWARI**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Igama, nomhla wokuzalwa
- Umnombo wakhe ngokufutshane
- Amagqabantshintshi ngemfundo apho kukho imfuneko
- Igalelo lakhe entlalweni nezinto ebenomdla kuzo esaphila
- Usuku lokusweleka kwakhe
- Isiphelo esichanekileyo

**[30]****2.3 UDLIWANO-NDLEBE**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Ziphe amagama izithethi
- Indawo oluqhubeka kuyo olu dliwano-ndlebe
- Intshayelelo mayitsale umdla
- Ingxoxo ngemiba echaphazela inkqubo ayilandelayo lo umfundi ofuna ukuphumelela
- Ingcaciso engenye ibhalwa kwizibiyeli
- Isiphelo esichanekileyo

**[30]****2.4 INQAKU LOMHLELI**

Kulindeleke ukuba umlingwa achaphazele ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa kwenqaku eliya kumhleli
- Umhla elibhalwe ngawo
- Izimvo ngokuthengiswa kwamaphepha eemviwo
- Izimvo ngabafundi abangafuni kuzilungiselela, bakhangelane nentluva
- Isiphelo esichanekileyo

**[30]****AMANQAKU ECANDELO B: 30**

**ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE****UMBUZO 3**

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama angama-80 ukuya kuma-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

**3.1 ISIBHENGEZO**

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa kwesibhengezo
- Igama lesikolo
- Isilogani
- Okuthengiswayo
- Ukwahluka kwaso kwezinye izikolo
- Okungazuzwa ngumfundi
- Amaxesha okungena nokuphuma kwesikolo

[20]

**3.2 IPOSIKHADI**

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa kweposikhadi
- Amazwi okubulela

[20]

**3.3 UMYALELO**

Kulindeleke ezi zinto zilandelayo:

- Imo yokubhalwa komyalelo
- Mababhale ngezivakalisi ezipheleleyo
- Mabaqaphele ukulandelelana kwemiyalelo

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**

## ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA IRUBRIKI YE-NCS

## ICANDELO A: IZINCOKO

Iziquathiso	Khowudi 7 Balaseleyo 80% – 100%	Khowudi 6 Mfaneleko 70% – 79%	Khowudi 5 Enomthamo 60% – 69%	Khowudi 4 Anele 50% – 59%	Khowudi 3 Phakathi 40% – 49%	Khowudi 2 Buthathaka 30% – 39%	Khowudi 1 Bubhetyebhetye 0% – 29%
	<b>24 – 30</b>	<b>21 – 23½</b>	<b>18 – 20½</b>	<b>15 – 17½</b>	<b>12 – 14½</b>	<b>9 – 11½</b>	<b>0 – 8½</b>
<b>UYILO NOMONGO</b>  (30 AMANQAKU)	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esingenamakhwiniba nesigqibeleleyo.  Isincoko sibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko.  lingcamango zivuthiwe, zixhokonxa iingcinga.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esinobugcisa obuhle nobuqaqambileyo.  Isincoko sibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko.  lingcamango zihlakaniphile zinomdla.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esinomfaneleko nesilunge kakhulu.  Isincoko sibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla zeziqinisekiso.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esinomfaneleko esamkelekileyo.  Isincoko sibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko.  lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esikwizinga eliphakathi nesinamatheleneyo. Isiquatho siqhelekile, sinesikhewu kunamathelwano.  lingcamango uninzi lwazo lunxulumene.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esingabekelelwanga kakuhle. Isiquatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano.  lingcamango zinqongophele, soloko kuphindaphindwa.	Ubungqina boyilo okanye bokuceba ekuveliseni isincoko esibekelwe ngokutenxileyo.  Isincoko asikho mxholweni kwaye akukho namathelwano. lingcamango, uphinda-phindo nokunwenwela kude kwishloko.
<b>ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA</b>  (15 AMANQAKU)	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nangokufezekileyo neshloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo.  Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo neshloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.  Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neshloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi.  Uchongo magama oluhambelana netekisi. Ubukhulu betekisi abunazimposiso kuba kwenziwe uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.  Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga.  Uchongo magama luphakathi itekisi ineziphoso ezininzi kuba kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa.  Itekisi idlaka-dlaka ziimposiso nangona kwenziwe uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu. Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyabhidisa nasemva kovavanyo-fundo nohlelo.
	<b>12 – 15</b>	<b>10½ – 11½</b>	<b>9 – 10</b>	<b>7½ – 8½</b>	<b>6 – 7</b>	<b>4 ½ – 5½</b>	<b>0 – 4</b>

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekiswa izincoko:

ISIQULATHISO	AMANQAKU	ISITSHIXO															
A. UYILO NOMONGO B. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA C. ISAKHIWO / IMO	30 15 5	<table border="1" data-bbox="1317 427 1883 619"> <thead> <tr> <th data-bbox="1317 427 1469 491">A</th> <th data-bbox="1469 427 1621 491">B</th> <th data-bbox="1621 427 1733 491">C</th> <th data-bbox="1733 427 1883 491">EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td data-bbox="1317 491 1469 555">0 – 30</td> <td data-bbox="1469 491 1621 555">0 – 15</td> <td data-bbox="1621 491 1733 555">0 – 5</td> <td data-bbox="1733 491 1883 555"></td> </tr> <tr> <td data-bbox="1317 555 1469 619">30</td> <td data-bbox="1469 555 1621 619">15</td> <td data-bbox="1621 555 1733 619">5</td> <td data-bbox="1733 555 1883 619">50</td> </tr> </tbody> </table>				A	B	C	EWONKE	0 – 30	0 – 15	0 – 5		30	15	5	50
A	B	C	EWONKE														
0 – 30	0 – 15	0 – 5															
30	15	5	50														
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>50</b>																





Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekishwa imihlathana emide:

ISIQULATHISO	AMANQAKU	ISITSHIXO											
A. UYILO NOMONGO B. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	18  12	<table border="1"> <thead> <tr> <th data-bbox="1317 411 1464 472">A</th> <th data-bbox="1464 411 1641 472">B</th> <th data-bbox="1641 411 1798 472">EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td data-bbox="1317 472 1464 533">0 – 18</td> <td data-bbox="1464 472 1641 533">0 – 12</td> <td data-bbox="1641 472 1798 533"></td> </tr> <tr> <td data-bbox="1317 533 1464 593">18</td> <td data-bbox="1464 533 1641 593">12</td> <td data-bbox="1641 533 1798 593">30</td> </tr> </tbody> </table>			A	B	EWONKE	0 – 18	0 – 12		18	12	30
A	B	EWONKE											
0 – 18	0 – 12												
18	12	30											
Amanqaku ewonke	30												

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Iziqulathiso	Khowudi 7 Balaseleyo 80% – 100%	Khowudi 6 Mfaneleko 70% – 79%	Khowudi 5 Enomthamo 60% – 69%	Khowudi 4 Anele 50% – 59%	Khowudi 3 Phakathi 40% – 49%	Khowudi 2 Buthathaka 30% – 39%	Khowudi 1 Bubhetyebhetye 0% – 29%
	10 – 12	8½ – 9½	7½ – 8	6 – 7	5 – 5½	4 – 4½	0 – 3
<b>UYILO, UMONGO NESAKHIWO/ IMO</b>	Ubungqina bokucebaya uyilo luvelise itekisi engenazimpazamo  Imihlathi ibonakalisa ukhwenco olunzulu ngesihloko. lingcamango zivuthiwe, zixhokoxa iingcinga. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe ngokunamatheleneyo.	Ubungqina bokucebaya uyilo luvelise itekisi engenazimpazamo kwaye bukhwavelisa itekisi eyakhiwe ngokupheleleyo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluchanekileyo lwesihloko. lingcamango zihlakaniphile, zinomdla. Izivakalisi nemihlathi zinongqinelwano kwaye zahlukahlukeneyo.	Ubungqina bokucebaya uyilo luvelise itekisi eyakhiwe ngokuncomekayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko oluvakalayo lwesihloko. lingcamango zinomdla, zeziqinisekiso. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe kakuhle	Ubungqina bokucebaya uyilo luvelise itekisi eyanelisayo. Imihlathi ibonakalisa utolikeko olwanelisayo lwesihloko. lingcamango ziqhelekile, ziyasilela ngobunzulu. Izivakalisi nemihlathi zithande ukuba namakhwiniba kwiindawana ezithile kodwa umhlathana wona unembadla.	Ubungqina bokucebaya uyilo luvelise itekisi ephakathi kwaye bukhwavelise itekisi eyakhiwe ngokulindelekileyo. Isiqulatho siqhelekile, sinezikhewu kunamathelwano. lingcamango uninzi lwazo lunxulumene. Izivakalisi nemihlathi zineemposiso kodwa iingcamango ziyalandeleka.	Uyilo okanye ucebo alwanelisi kwaphela. Itekisi ayibekelelwanga kakuhle. Isiqulatho simana ukungacaci kusilela unamathelwano. lingcamango zinongophela, soloko kuphindaphindwa. Izivakalisi nemihlathi zakhiwe buthathaka.	Uyilo okanye ucebo alukho, itekisi ibekelelwe ngokutenxileyo. Imihlathi ayikho mxholweni. Akukho lunamathelwano. lingcamango uphindaphindwo nokunwenwela kude kwisihloko. Izivakalisi nemihlathi zinobubhutyubhutyu azingqinelani.
<b>12</b>	<b>6½ – 8</b>	<b>6</b>	<b>5½</b>	<b>4 – 4½</b>	<b>3½</b>	<b>2½ – 3</b>	<b>0 – 2</b>
<b>ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA</b>  <b>(8 AMANQAKU)</b>	Isimbo, imvakalozwi nerejista zisulungeke ngokuchanekileyo nangokufezekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngempumelelo enkulu nangokufanelekileyo. Itekisi ayinazimposiso konke-konke kuba kwenziwa uvavanyo-fundo nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihambelana ngokuchanekileyo nesihloko. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi olusulungekileyo zisetyenziswe ngokuchanekileyo.  Itekisi engenamakhwiniba ngokupheleleyo kuba kwenziwa uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana nesihloko kumaxa amaninzi. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe ngokuchanekileyo kumaxa amaninzi. Uchongo magama oluhambelana netekisi.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ihambelana neemfuno zesihloko gabalala. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zilula, uchongo lwamagama lwanele.  Itekisi iseneemposiso noxa kwenziwa uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista ibusilela kunamathelwano. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi ziqhelekile kwaye zisetyenziswa ngokungachanekanga. Uchongo magama luphakathi.  Itekisi ineziphoso ezininzi kuba kwenziwa uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zihexa kakhulu. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswa tenxileyo. Uchongo magama luyahexa. Nangona kwenziwa uvavanyo-fundo kunye nohlelo.	Isimbo, imvakalozwi nerejista zinobubhetyebhetye kuzo zonke iinkalo. Upelo, uqhawulo-magama, iziphumlisi nolwimi zisetyenziswe tenxileyo ngokugqithisileyo. Uchongo lwamagama luhexa kakhulu. Itekisi idlakadlaka ziimposiso kwaye ziyahidisa nasemva kovavanyo kunye nohlelo.
<b>8</b>	<b>6½ – 8</b>	<b>6</b>	<b>5½</b>	<b>4 – 4½</b>	<b>3½</b>	<b>2½ – 3</b>	<b>0 – 2</b>

Amanqaku anokusetyenziswa xa kukorekiswa imihlathana emifutshane:

ISIQULATHISO	AMANQAKU	ISITSHIXO											
A. UYILO NOMONGO B. ULWIMI, ISIMBO NOKUHLELA	12 8	<table border="1"> <thead> <tr> <th data-bbox="1301 357 1451 421">A</th> <th data-bbox="1451 357 1601 421">B</th> <th data-bbox="1601 357 1794 421">EWONKE</th> </tr> </thead> <tbody> <tr> <td data-bbox="1301 421 1451 485">0 – 12</td> <td data-bbox="1451 421 1601 485">0 – 8</td> <td data-bbox="1601 421 1794 485"></td> </tr> <tr> <td data-bbox="1301 485 1451 549">12</td> <td data-bbox="1451 485 1601 549">8</td> <td data-bbox="1601 485 1794 549">20</td> </tr> </tbody> </table>			A	B	EWONKE	0 – 12	0 – 8		12	8	20
A	B	EWONKE											
0 – 12	0 – 8												
12	8	20											
<b>Amanqaku ewonke</b>	<b>20</b>												